



<b>SUBJECT:</b>	<b>ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA</b>
-----------------	-----------------------------------

<b>GRADE:</b>	<b>12</b>	<b>PAPER:</b>	<b>2</b>
---------------	-----------	---------------	----------

<b>DATE OF EXAMINATION:</b>	<b>NOV/DEC 2008</b>	<b>DURATION:</b>	<b>2½</b>
-----------------------------	---------------------	------------------	-----------

### 1. ANALYSIS OF QUESTION BY QUESTION PERFORMANCE OF THE CANDIDATES

Give a detailed account of how the candidates performed in each question. In doing this, the following steps should be followed:

- 1.1 The aim/objective for setting the question (what skills, knowledge, values and attitudes were being tested by asking the question)
- 1.2 Relevance or relation of the question to the Los and ASs.
- 1.3 How did the candidates perform in the question?
- 1.4 Where and how did candidates lack or fail in giving an appropriate answer to score high marks in the question?

#### UMBUZO 1

Umbuzo abavavanywa ulwazi lwabo lwesonethi umz: 1.1 no 1.2 babonakele besilela ngokukodwa kolu didi lwesihobe. Oku kuthetha ukuthi ootitshala xa befundisa isihobe abafundi mababakrobise kuzo zonke iindidi zesihobe. Le mibuzo ibivavanywa uPF2 : GH 2.2.1 no GH 2.2.10.

- Iinjongo yombuzo ongu 1.3 ibikukubonisa ukuba uhlanganiso lubakho kwisifundo esinye phakthi kweePF nee GH njengoko kulo mbuzo bekulindeleke ukuba abafundi basebenzise ulwazi lwabo lwegram PF 4 bephendula umbuzo woncwadi. Uninzi lwenze kakuhle kulo mbuzo.
- Umbuzo 1.4 ubufuna ukuba abafundi banike impendulo ethe ngqo/engathanga ngqo, oko kutsho intsingiselo ethe pahaha/efihlakeleyo. Kaloku inkcazelo yekharityulam ifuna abafundi abakwaziyo ukuhlalutya behlaba amadlala, ulwazi, oko kutsho kuthi ngoku kuthethwa ngale akwazi ukukroba ngaphaya. Kuyakhuthazwa ke ngoko ukuba xa kuhlalutywa isihobe mayivelelwe inkalo yokuba ezinye imbongi zisenokusebenzisa le siyiqhelileyo into ukuphuhlisa okuthile.
- Imibuzo 1.5, 1.6 no 1.7 ibifuna umfundi abonakalise isakhono sakhe

sokulwazi nokuluqonda ulwimi lwakhe. Umzekelo ukuze akwazi ukuphendula yonke le mibuzo kufuneka ukuba isakhono sakhe sokuqonda nokwazi ulwimi sibe siloliwe ngokwaneleyo.

- **INGCEBISO:** Nawuphi na umhobe ohlalutywayo kufuneka iintsingiselo zamagama zicazululwe ngokupheleleyo.
- **INGCEBISO:** Kuwe titshala malunga nomhobe ongafundwanga klasini, abafundi baqhelanise nokubanika imisetyenzana esekwe kwimihobe engafundiswanga klasini ngokweendidi ndidi zesihobe.
- Imibuzo yakho mayizithathele ingqalelo **IZIPHUMO EZAKHAYO** nezi**IPHUMO** ezingu**UNDOQO** ukumvula umntwana.
- **QAPHELA:** Ukuba xa uhlola/uvavanya siphi isi**IPHUMO SOKUFUNDA** nawuphi umgangatho woku **HLOLA**

## UMBUZO 2

- Lo mbuzo ibingumbuzo omde nothe awaphendulwa luninzi lwabafundi. Ngokweemfuno zeNkcazelo yeKharityulam yeSizwe kulindeleke ukuba abafundi bakwazi nokuphendula imibuzo emide ukuphuhlisa esaa sakhono solwazi lolwimi nokuqonda.

**IINGCEBISO:** Kububulumko ke ngoko ukubaqhelanisa nawo abafundi phakathi kwemisetyenzana yemihla abayinikwayo. Okwesibini xa ubani ephonononga imemorandum uya kuphawula ukuba sikho isixhobo sokuhlola esisetyenzisiweyo ukuhlola lo mbuzo ekuthiwa yi**MATRIX** ngelasemzini. Abafubdi ke ngoko mabasazi, basicaciselwe khon'ukuze bacacelwe yindlela yokufumana amanqaku. Xa uqaphelisisa kakuhle ngokwale **MATRIX IMO, ULWIMI NESIMBO** nazo zithathelwa ingqalelo xa kuwongwa amanqaku kulo mbuzo. Singa singayizinzisa ezingqondweni zethu into yokuba wonke ubani xa ephendula umbuzo omde unesimbo awubhexesha ngaso umbuzo wakhe, unendlela awucwangcisa ngayo umbuzo wakhe, ukuze ziphumelele ezi zinto kufuneka abhale ngokukuko oko kutsho apele fanelekileyo, aqhawule amagama fanelekileyo, asebenzise ngokufanelekileyo nezinye izixhobo zokubhala.

### AWESELWA 3: KWETANA W.M

#### UMBUZO 3.

- Imibuzwana 3.1 no 3.2 besivavanya isakhono sokuhlalutya isihobe sabafundi. Abafundi basabonakalisa ukulambatha ekusebenziseni izixhobo zokuhlalutya isihobe nasekwazini ulwimi lwabo. Singa singayibethelela into yokuba isigama esisetyenzisiweyo kwisihobe sibaluleke kakhulu. Xa sibalungisa abafundi masibenze bayiqonde into yokuba inenjongo imbongi ngokuchonga isigama esithile xa ibhala umhobe wayo.
- Abafundi babethakele ekuphenduleni umbuzwana 3.5 no 3.6. Oku kusikrobise ekuthini inkulu indima ekufuneka yenziwe phaya emagumbini okufundela malunga nezixhobo zohlalutyo nenxaxheba yazo ekuphuhliseni umongo ophambili umz: ku 3.5 luchasaniso; ku 3.6 bekumele ukuba abonise ukuba olu chasaniso lubonisa ntoni umz: Ukuqaqambisa ukuba indlela emfutshane ayiqulathe iziqhamo ezihle.
- Kumbuzwana 3.7 bekufuneka umfundi abonise isakhono sakhe sokwazi ulwimi lwakhe.
- **INGCEBISO:** Xa utitshala ephethe isihobe makasiqhize ngokupheleleyo, kuxoxwe ngamagama antsingiselo zintsokothileyo.

#### UMBUZO 4

- Lo ibe ngumbuzo omde. Kulo mbuzo abafundi babonise ukuqhwaleta kakhulu. Bagxile kwintsingiselo bengawuseso kwaphela umba wokubonisa ubunye kubomi bemihla ngemihla. Sinqwenela ukubethelela ukuba inkcazelo yeKharityulam yeSizwe linjongo zayo eziphambili kukhuthaza ukuba okufundwa eklasini makunxulumane nobomi bethu bemihla ngemihla. Oku kuya kukhupha abemi abagqibeleleyo.
- **QAPHELA:** Nalo umbuzo uhlolwa ngokusebenzisa **iMATRIX** apho umfundi aya kuthi awongwe amanqaku ngemo, ulwimi, isimbo nomongo.

## **UMBUZO 5**

- Lo mbuzo uphendulwe kakuhle kakhulu. Ootitshala bangawubona njengo namanqaku aphisayo. INkcazelo yeKharityulam ikhuthaza ukuba iphepha liwalungiselele onke amanqanaba okuqonda kwabafundi.
- Masiphinde sibethelele xa usakha imibuzo kwimisebenzi yemihla ngemihla masizithathele ingqalelo izi**PHUMO** ezingu**UNDOQO** ne**ZAKHAYO**:umz umbuzo 5.4 uphuhlisa isi**PHUMO** esingu**UNDOQO** sesi – 3 esikhuthaza ukuba abafundi bakwazi ukuzimela naxa bengasekho phantsi kweliso labazali.

## **UMBUZO 6**

- Ngokwalo mbuzo bekumele ukuba umfundi **UCHONGA** imisebenzi yengoma ibe-5 **BANGQINE/ BACHAZE** ezi mbono zembongi beqamele ngolwazi lwabo lwengoma. Abafundi abaninzi abakwazanga ukufikelela kwiimfuno zombuzo njengoko uninzi lugxile ekuchongeni kuphela. Oku kuthetha ukuthi abaninzi bebesuka nje bawubhukuqele ephepheni wonke la mhobe.
- Konke oku kudiza ukuba kuninzi ekufuneka kwaziwe malunga nokuphuculwa kwezakhono zabafundi zokuphendula imibuzo.
- **QAPHELA**: Nalo ngumbuzo omde usebenzisa i**MATRIX** ukuwuhlola njengaku mbuzo 2 nowe 4.

## **UMBUZO 7**

### **AKUSEKHO KONWABA: CHINUA ACHEBE**

- Kulo mbuzo uninzi lwabafundi lwenze kakuhle, nangona kunjalo isenkulu indima ekufuneka siyidlalile kumagumbi okufundela.
- Okokuqala xa uhlola kufuneka utitshala enayo imibuzo ebonisa uhlanganiso njengoko kunjalo phaya kumbuzo 7.8 . Le mfundo intsha ikhuthaza ukuba izifundo mazingabi ngoomth'uzimele.
- Okwesibini mayibekho imibuzo kwimiseteyenzana yemihla ngemihla nakwezaa mvavanyo zilawulwayo ezifuna ukuba abafundi banxulumanise abakufunda encwadini nobomi esiphila/abaphila kubo, njengaphaya kumbuzo 7.3.
- Iyakhuthazwa nemibuzo apho umfundi anikwa iqonga lokukhe aveze izimvo zakhe kaloku sakha abemi ekufuneka bethabathe inxaxheba kwimicimbi yesizwe. Oku kuyabonakala kwimibuzwana 7.2; 7.10 no 7.11
- Xa incwadi ivuma kufuneka sinayo imibuzo emthuma umfundi ukuba asebenzise ulwazi lwakhe lomgaqo siseko. Kaloku le mfundo intsha isekwe kumgaqo siseko weli njengaku 7.2.

- Masiqaphele zonke ezi ndidi zemibuzo. Mazisukele kwiziganeko ezisencwadini. Kwakhona le mibuzo ayithethi kuthi ulwazi lwencwadi alubuzwa, nalo malube yinxalenye yemibuzo ebuzwayo njengaku: 7.1

### **UMBUZO 8**

- Kulo mbuzo babethakele kakhulu abafundi . Lo mbuzo ubufuna babonakalise ulwazi okanye basebenzise ulwazi lwabo lwelaa phepha lesithathu lokubhalwa kwengaku lephepha ndaba. Oku kuthetha ukuthi, ephendula uncwadi enjalo bekufuneka umfundi ebonisile ukuba uyalazi eli nqaku ukuba libhalwa njani; oko kutsho agqale ukuba xa ebhala inqaku liba nesihloko, ulwimi olusetyenziswayo lolukhethekileyo, phaya ekugqibeleni libonakala ukuba libhalwe ngubani. Uqaphele ukuba umfundi usebenzisa olwaa lwazi lwephepha 3.Uhlanganiso lusenokubakho kwalapha kwisifundo esinye. Basilele abafundi ekuwuqondeni lo mbuzo kuba **BEKUFUNEKA BENGU CLARA** owayeyi osu, ongenakutshata nomntu amthandayo, osapho lwakhe lubukulwayo ngenxa yobu osu. Oku kuthetha ukuthi umfundi bekufuneka asebenzise isivumelanisi sentloko somntu wokuqala xa bebhala eli nqaku. Baholile abafundi bebhala ngezifo zabo.
- Oku kuyasisebezela kwakhona ukuba isenkulu indima ekufuneka siyidlale ekubaxhobiseni ngezakhono zokuphendula ,imibuzo.
- Njengombuzo omde xa uhlolwa kusetyenziswa irubriki. Le rubriki kufuneka abafundi baqhelaniswe nayo khon'ukuze bazi ukuba bangawaqokelela / baphulukane njani namanqaku. Xa ujonge imemorandam eqhakamshelwe kule ngxelo uya kuphawula ukuba ngaphandle komongo wombuzo nalapha imo, ulwimi nesimbo zithathelwe ingqalelo xa umfundi ephendula umbuzo.

### **UMBUZO 9**

#### **UTHEMBISA NOMAKHAYA : MTYWAKU D.T**

- Lo ngowona mbuzo uphendulwe kakuhle ngabafundi. Nangona kunjalo isakhono sabafundi sokuphendula imibuzo sisafuna ukulolwa ngakumbi.
- Oku kuthetha ukuthi kububulumko ukuba abafundi kwimisetyenzana yemihla ngemihla, bayiqheliswe imibuzo efuna bakwazi ukubona xa ulwazi oluthile luveza **ULUVO/ LUYINYANI**. Nokuba umfundi uthabatha esiphi isigqibo kunyanzelekile ukuba **AZIXHASE** ngokweembono **ZAKHE**. Kumbuzo 9.1 abafundi basilele ukuzixhasa.
- Inkcazelo yeKharityulam yeSizwe ifuna abafundi abakwaziyo ukuveza izimvo zabo,bezixhasa chanekileyo nafanelekileyo umz: umbuzwana 9.13 ulinikile eli thuba.
- Eminye imibuzo ivavanya indlela abazibona ngayo izinto ezixabisekileyo abafundi njengaku 9.10 no 9.13. Kwakule misebenzi siyini kayo enyakeni kubalulekile ukuba abafundi sibaqhelise oku.

- Umbuzwana 9.3 ubufuna umfundi anike ezakhe izimvo. Kaloku siqingqa abemi ekufuneka bethathe inxaxheba kumaqonga ngamaqonga entlalweni kuyakhuthazwa ke ngoko kuba imibuzo ekumila kunje ingabi yinto yaseluviweni kuphela.
- Umbuzwana 9.11 ubufuna xa kuphendula abafundi basebenzise ulwazi lwabo lwephepha lwesi**THATHU** njengoko impendulo ibifuna bayiveze ngokwemo yedayari. Basilele kakhulu ukubonisa olu lwazi.
- Oku kudiza ukuba phaya kula magumbi silungisa kuwo abafundi kukho ukusilela kaloku titshala uhlanganiso lukho naphakathi kwemiGangatho yokuhola yesifundo esinye.. Nalapha iyeza linye kukubakrobisa apha enyakeni kwimibuzo ekumila kunje abafundi.

### **UMBUZO 10**

- Lo mbuzo ubathwaxile kakhulu abafundi. Babonakalise ukuqhwalela kakhulu ekwazini ukuba isigqebelo yintoni, de abanye banemibhalwana abayibhalayo ephuhlisa ukungalazi eli gama **ISIGQEBELO**.
- **IINGCEBISO:** Xa ufundisa uncwadi thabatha incwadi yakho yeNkcazelo yeKharityulam yeSizwe uthabathele ingqalelo yonke imGangatho yokuHlola ekwesa si**PHUMO** soku**FUNDA** sesi-2 [idrama] njalo uya kuzazi iindawo omawunyathele kuzo xa ufundisa eli soloty loncwadi.
- Nalo umbuzo njengombuzo omde kusetyenziswa irubriki xa uhlolwa efana naleya yenoveli.
- Sibethelela ukuba le rubriki ingabi yimfihlo katitshala mayaziwe, ixoxwe icaciselwe abafundi.

### **UMBUZO 11 : UBUNGEKHO**

### **UMBUZO 12: UBUNGEKHO**

### **7. ANY ADVICE THAT YOU COULD GIVE TO EDUCATORS IN HELPING THE LEARNERS TO REACH THE EXPECTED LEVEL.**

Ootitshala mabanamathele kwincwadi yeKharityulam yeSizwe ukuze baqiniseke ngemabakufundise ezikolweni.

**SIGNATURE OF EXAMINER/MODERATOR:** \_\_\_\_\_

